

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



IMAGAZINI YAKWAGRAN SA YOPHUHLISO LWABAVELISI



UMakoko Mokhathatsi, ongumlimi kwisithili saseTweespruit, ulungisa umatshini wokuvuna ubhula.

Ngokusilela kumalungiselelo, ulungiselela intsilelo

UKUTHENGA OOMATSHINI ABATSHA KUNEE-NDLEKO EZIPHEZULU, NGOKO KE KUBALULEKILE UKULONDOLOZA IZINTO OSOWUNAZO. KALOKU KHUMBULA UKUBA UKULUNGELA UKWENZA IMISEBENZI EBALULEKILEYO YOKUFAMA KWANGEXESHA KUNOKWALATHA UMAHLUKO PHAKATHI KWEETONI EZIVUNIWEYO ZESONA SITYALO SAKHO – NOMAHLUKO PHAKATHI KWENZUZO KUNYE NELAHLUKO KWIXESHA LOKULIMA ELINEMBALELA.

Kwingxelo yemisebenzi yale nyanga, unakho ukufunda ngeengxoxo zabacebisi babalimi kuphuhliso lwaseGrain SA lwabalimi bekunye malunga nemibandela efana nocwangciso lwesityalo, uhlahlomali nocwangciso lwemali ngokunjalo neenshorensi – kanti zonke izidingo zomatshini kunye nezezixhobo ziyahlalutywa. Bambalwa abalimi abanethamsanqa abakwaziyo ukuthenga iitrektara ezintsha nezixhobo ukuze kube lula noko ukwenza umsebenzi ophucukileyo efama.

UKULUNGISWA KWEMIHLABA

Bathe besavuna abalimi abaninzi bafumanisa ukuba bafanele ukugqalisela kwixesha lokulima elitsha elizayo ukuze baqinisekise impumelelo.

Umzekelo omhle wokubaluleka kokubamba ixesha kuxa kulungiswa imihlaba ebusika ukwenzela izityalo zehlobo. Ukuba oku akukhawulezi kwenziwe kamsinya kangangoko emva kokuvuna, kuya kubakho uxinzelelo olukhulu ngakumbi kwixesha lakho lokutyala malunga nexesha kunye namandla afunekayo eetrektara, ukuze kuqosheliswa amalungiselelo aphambili kunye neenkqubo zokutyala.

Ukutshiswa kokhula ebusika noluqhuba ngokukhula ngalo lonke ixesha lasebusika njengekhakhaka/‘iblou dissel’ ngokusebenzisa iikhemikhali ezinjengeRoundup, sekulinyathelo lokuqala **lokulondoloza ukufuma** ukwenzela isityalo esilandelayo. Enyanisweni umntu ufanele ukwenza **amalungiselelo omhlaba asekuqaleni** anjengokuwukrazula okanye ukulima nzulu mhlawumbi umzekelo ngevibroflex. Ukuba ukhetha ukungawuphethuli kwaphela umhlaba inkqubo yakho yokutshiza ibaluleke ngakumbi kweli banga.

Ngokusilela kumalungiselelo...

Okokuqala ukulungiswa kwemihlaba kujoliswe ekuncediseni ukungenelela kokufuma kakuhle xa zifika iimvula zokuqala nasekulungiseni umandlalo olungileyo wembewu. Ukuba akukakwazi ukukwenza oku ngenxa yokulinda uncedo lwemali, ngoko ke ufanele ukujolisa kumalungiselelo akho emihlaba kamsinya kangangoko.

IXESHA LOKUNQUMAMA LIXESHA ELILISELA

Xa umntu exakeke kukutyala akanakukwazi ukuzibona selemile ngenxa yokwaphuka kwezixhobo. Ngoko ke, malisetyenziswe ixesha elifanelekileyo lokulungisa zonke iitrektara noomatshini bakho.

litrektara

Qala ngokukhanda ngokubanzi kuquka ukutshintshwa kweoyile, izihluzi zeoyile, izihluzi zedizili, izihluzi zomoya ngokunjalo nokutshintshwa kwamanzi neoyile yeegiya ukuba kuyimfuneko. Qwalasela okulandelayo:

- Zonke iinxalenye ezonakalayo ezifana namabhanti efeni, ukufakwa kwegrisi yemixokelelwano yokuqhuba kunye neebheringi zamavili.
- Iimpompo zamanzi kunye neebheringi zeempompo zamanzi.
- Imixokelelwano yokupholisa ijongwe ukuba ayivuzeli kwiradiyetha na nemibhobho.
- Qwalasela ukuba amathayara akho awonakalanga na. Faka elinye ithayara okanye ulungise ithayara elipatyupatyu kuba nangona kuyeyona nto ingathandekiyo nechitha ixesha lakho nesivuno ngexesha lakho lokuxakeka ngokuzama ukugcina ixesha lokusebenza ngesityalo sakho kwangexesha elichanekileyo.

litrektara zingadinga ukukhanda okubanzi. Ukuba itrektara isebenzisa ioyile eninzi kakhulu okanye xa ikhupha umsi omninzi ngokugqithisileyo oko kungasisilathiso sokudingeka kokuqwalaselwa ngobunono kwenjini iphelele. Oku kusenokuba neendleko ezithe kratya ngakumbi ngaphezu kokukhanda okuqhelekileyo, kodwa uya kukwazi ukuphinda uzibuyisele ezo mali zenkcitho ngokuthi ungaphindi ube namava okunqumama kwixesha elithile usesesizikithini sethuba lokulima elibalulekileyo.



Isixhobo esibaluleke kakhulu efama sisixhobo sakho sokutyala. Ngumatshini onefuthe elikhulu kakhulu kwisivuno sakho onokusifumana.

Oomatshini

UKULUNGISWA KOMHLABA: Qiniseka ukuba zonke izixhobo zokuphethula umhlaba ezifana nezikrazuli nevibroflex – kanti ukuba usebenzisa ikhuba nekhuba lezikotile – qiniseka ukuba zilungisiwe ngokwesiqhelo kwaye zilungile.

- Makufakwe amazinyo amatsha.
- Qwalasela amathayara neebheringi zamavili kwimifuziselo yemizila.
- Faka igrisi kuzo zonke iinxalenye ngokwemfuneko umzekelo ierhe yezikotile.



Oomatshini abagcinwe ngocwangco nabakwimeko elungileyo yokusebenza baya kunceda abalimi ngokwenza imisebenzi eyimfuneko yokufama kwangexesha.

OOMATSHINI BOKUTYALA: Ukuba uqalisa kwindawo engalungiswanga ngenxa yemigqomo kamatshini wokutyala engasebenzi kakuhle, xa kunjalo oko kuthetha ukuba sowulahlekelwa sisi-vuno sakho obunokusifumana. Enyanisweni ufanele:

- Ukhulule inxalenye nganye ngokupheleleyo, ufake iibheringi ezintsha zecoater, iibheringi zamavili zokucinezela kunye neebheringi zamavili zolawulo lobunzulu.
- Qwalasela onke amatsheyini uze ukhangele amavili anamazinyo onakeleyo okanye anamazinyo agobileyo njengoko anokubangela ukuphuncuka kwamatsheyini ngokunjalo achaphazele nokuchaneka kwendawo efakwa kuyo imbewu.
- Ukuba umatshini wakho wokutyala ngowomoya qiniseka ukuba akukho zindawo zivuzayo okanye iintanda nakweyiphi imibhobho eya kuchaphazela ukufunxa emigqomeni.
- Qwalasela izixhobo zokubhola kunye neebheringi zokubhola zemigqomo yezichumiso njengoko ezi ziyinxalenye ebalulekileyo kamatshini wokutyala. Qwalasela imigqomo kuba isuka ibe nerusi ngoko ke, ufanele ubeke iziziba okanye utywine ezo ndawo zingomelelanga.

Ukuba kusetyenziswa izinto zokuphawula, khumbula ukuba oko kuthatha ixesha elininzi kanti maxa wambi ziyacandeka okanye zigobe. Qiniseka ukuba zilungelelaniswa ngokuchanekileyo kwaye zomelele ngokwaneleyo ukuze zinike inkxaso emsebenzini lowo, ubalulekileyo ukuze ubanzi obuphakathi kwemiqolo bulungelelane kuyo yonke intsimi yakho. Umqolo 'ongenelela' kakubi awufuneki kwaphela xa kulinywa kanti usenokuthetha ukuba kukho imiqolo engazi kulinywa kakuhle – ukuze oko kubangele ilahleko ebinokuthinteleka xa ebenziwe kakuhle amalungiselelo.

ISITSHIZI: Ukutshatyalaliswa kokhula okuncomekayo nokweziswa ixesha liselihle kwenziwa kwangoko emva kokutyala kwaye linyathelo elikhulu elifanelekileyo lokufumana ezona zivuno zihle zikokuba khona, njengoko ukuphumeza umandlalo wezithole ongenakhula kuthetha ukuba izithole zakho ziya kuba kweyona meko ifanelekileyo kuba ziya kuba zingakhuphisani nakhula ngokufuma komhlaba, ngezondlo nangokukhanya. Yenza okulandelayo:

- Qwalasela ukuba ingaba iitanki zesitshizi zihlanjwe kakuhle na, zigungxulwe kwaye zicociwe na ukuqinisekisa ukuba akukho ntsalela yeechemikhali eshiyeke kwixesha elidlulileyo na.
- Susa yonke imilomo uze uyihlambe ngokuyahlukanisa logama imibhobho igungxulwa kuba kaloku iintsalela zikholisa ukuyixinanisa. Sebenzisa amanzi anesepha enamandla ukuze uyikhucule yonke into eyintsalela nenokuyivingcele.
- Qinisekisa ukuba zonke izihluzi zicocwe ngocoselelo.
- Qwalasela izakhelo zezitshizi ukhangele iintanda neendawo ezingaba zaphukile. Khumbula ukuba izolulo zikholisa ukubetheka emasimini zize zibe buthathaka. Zilungise kwangoko. Kwakhona qinisekisa ubanzi besitshizi sakho bungqinelana nesixhobo sakho sokutyala ukuze kungabikho kushiya-shiyana kubaxekileyo ngobukhulu (kuncinane kakhulu) xa sisetyenziswa. Kungenjalo, oko konakalisa iikhemikhali kwaye kunokushiya ezinye iizowuni zentsimi zingatshizwanga. Ukuze ubanzi besitshizi bungqinelane nobanzi besixhobo sokutyala mhlawumbi kungadingeka ukuba uvingce eminye imilomo. ■



**JENNY MATHEWS,
INGCALI NOMHLOHLI
WOLAWULO NOPHULISO**



AMAZWI AVELA... kuLuke Collier

KWABANINZI UNYAKA ODLULILEYO UBUSISAQHWITHI KUSHISHINO NAKUBOMI BEE-NTSAPHO. KUBEKHO IILAHLEKO ZOBOMI NEZEZITYALO KUMAQELA AMANINZI OLU-NTU OLUQHUBA IMISEBENZI YOKUFAMA ELIZWENI LIPHELELE. KODWA OBU BUNZIMA BUZE NAWONA MAXESHA OKULIMA ANCOMEKAYO, NANEEMVULA ABANGAZIBONANGA ABANINZI KWIMINYAKA ELIQELA.

Kweli xesha lonyaka abalimi abarhwebayo nabalimela ukuziphilisa bagqibile ukuvuna kodwa mhlawumbi basabala iinzuzo okanye iilahleko zabo ngenxa yexesha lokulima lakutshanje 'ebelimanzi' ebesinalo. Abaninzi bebeneemvula ezintle kwaye umonakalo ubungengako. Kwe-lye icala locingo nangona kukho abalahlekelwe phantse sisiqingatha sesityalo sabo ngenxa yezifo zezikhwebu (iDiplodia neFusarium) okanye ukuncipha kwezivuno ngenxa yezifo zamagqabi (amachokoza angwevu emagqabini okanye ukurusa).

Nangona kunjalo, njengabalimi siluhlobo olunyamezelayo ngokubanzi ngoko ke, siqhuba sibheke phambili nokuba ixesha lokulima linemozulu entle okanye engamkelelanga. Ucwangciso lwexesha lokulima elizayo lufanele ukuba ngoku seluqoshelisiwe, iimveliso zamalungiselelo zithengwe futhi nokulungiswa kwemihlaba kugqityiwe – ukuba akunjalo sekuzakugqitywa noko. Makukhunjulwe ukuba uninzi lweemveliso zokulungisa zithatha ixesha ukufumaneka kwisityalo kunye/okanye ukulungisa umhlaba, ngoko ke into elungileyo kukuzifaka kwangoko.

Ekugqibeleni, oomatshini bethu bafanele 'ukuhlala belungele' ixesha lokulima elizayo. Into umlimi angafanelanga kuyenza kwaphela, kukuqalisa ngokulungisa nokugriza oomatshini kusuku olunye okanye kwiintsuku ezimbini phambi kokutyala. Malunga neli xesha sinethemba lokufumaneka kweemvula zokuqala kanti oko kuthetha ukuphethulwa komhlaba okokuqala. Abalimi bafanele ukukwazi ukuqubala izixhobo zabo baye ngqo emasimini ukuze baqalise ukusebenza ngaphandle kwazo naziphi iingxaki. Oku kungaphunyezwa kuphela xa ulondolozo lwaphambi kokuqalisa kwexesha lokulima lwenziwe ngokuchanekileyo. Kwakhona oku kuya kusetyenziselwa ukulungiselela oomatshini ixesha lokutyala.

Kwangoko zakuba zifikile iimvula ngo-Okthobha (masithembe) xa ingumnqweno wakho ukulima, ufanele ukukwazi ukutyala. Xa unoku-kwazi ukufaka izityalo zakho emhlabeni (nakwelona kroba lincinane live-layo), ungaba nethuba eliphucukileyo lokufumana isivuno esihle.

Masizigcine sikhuthazana kula maxesha obunzima. ■

ULUDWE olusetyenziselwa - ulondolozo emva kokuvuna

UKUGCINWA NOKULONDOLOZA OOMATSHINI BOKUFAMA KUBALULEKILE UKUZE KWANDE UBOMI BOOMATSHINI BAKHO. XA UBAGCINA KWAYE UBALONDOLOZA NGO-NONOPHELO, UNCIPHISA UMNGCIPHEKO ONGALINDELEKANGA WOKUBAKHANDA NOYA KUKUNIKA IINDLEKO UCHITHE IXESHA LAKHO NEMALI.

Nalu uludwe olusetyenziselwa ulondolozo emva kokuvuna:

- 1** Qwalasela incwadi yoqeqesho yomsebenzisi malunga nolondolozo lwase-mva kokuvuna kunye neendawo zoqwalaselo.
- 2** Khawulezisa uqwalasele ubume bukatshini uze wenze uludwe-locufanele-ukwenziwa.
- 3** Vuthela uthuli nenkunkuma ngaphandle nangaphakathi. Inkunkuma ebangelwa kukuvuna itsala izikrekrethi ezinjengeempuku ezikwaziyo ukuhlafuna iingcingo nezinye iinxalenye zombane.
 - Malunga noomatshini bokuvuna abaziqhubayo:
 - Qinisekisa ukuba uyakuvuthela kuphume okukwiiradiyetha.
 - Yicoce ngocoselelo icabhi, uqwalasele nemicu yemozulu esemnyango, izitulo kunye nezinye iinxalenye eziphakathi kwicabhi. Cinga ngokubeka okuthile ukuze ugxothe izikrekrethi kwicabhi.
- 4**
 - Qwalasela iqondo lokhuseleko lomxokelelwano wokupholisa ngokwemozulu yakho.
 - Gcwalisa amafutha okubasela.
- 5** Hlamba umphandle kuphela uzame ukunqanda amanzi angafiki kwiibheringi nakwezinye iindawo ezinentshukumo.
- 6** Peyinta okanye sebenzisa izikhuseli zerusi kwimikrwelo nakwiindawo ezonakeleyo.
- 7** Vula iipleiyiti zokuhlola uqwalasele iinxalenye zazo.
- 8** Vula amagobongqo nezihluzi uqwalasele naziphi iindawo.
- 9** Qwalasela iibheringi ujonge nakuphi ukudleka, ukusonteka emphinini, okanye ukhangele nokuxega. Tshintsha zonke iibheringi ezingaqondakaliyo ufake ezintsha.
- 10** Tshintsha ioyile nezihluzi xa uoyila iindawo ezixokonyelelweyo.
- 11** Qinisekisa ukuba zonke izikhanyisi zisebenza kakuhle.

Hlola zonke izixhobo zokubhola nemijelo ujonge ukudleka nokonakala. Tshintsha zonke iinxalenye ufake ezintsha ngokwemfuneko msinya kangangoko kunokwenzeka.

 - Qwalasela iiwokha neebheringi zazo ujonge ukonakala, iintanda okanye ukudleka.
- 12**
 - Qwalasela amaphiko ezithuthi logama uhlole ulungelelwano kunye neebheringi.
 - Qinisekisa ukuba isicandi sesitroyi silungelelene kakuhle na ngaphandle ngokungcangcazela okugqithisileyo na.
- 13** Qwalasela uze uqinise onke amabhanti logama ukhangele ubukho bazo naziphi iintanda.
- 14** Hlola amatsheyini esikhuseli esinemijelo kunye namatsheyini esinyusi ujonge ukuqina nokonakala okungaba kukhona.
- 15** Jonga phezulu nangaphaya kobekelelo lwesikhuseli esinemijelo (ngakumbi umgangatho) uqwalasele umonakalo ogqithisileyo.
- 16** Qwalasela izixhobo zokubhola zokulayisha nokuthula ukuba azonakalanga kwaye azidlekanga na.
- 17** Grisa zonke iindawo ezixokonyelelweyo uoyile amatsheyini nezinye iindawo ezilondolozwayo ezikhankanywe kwincwadana yoqeqesho lomsebenzisi.
- 18** Susa uze ugcine zonke iiplagi zeedreyini ukuze amanzi angagwantiy kwiindawo ezifana neetanki zeenozo. ■



Grisa zonke iindawo ezigriswayo ukuze angahlali amanzi.



Amabhanti makaqiniswe ngokwase-ncwadini yoqeqesho yomsebenzi.



Qinisekisa ukuba onke amatsheyini agrisiwe ukuze angarusi.



Sebenzisa iiplagi zemisele ukuthintela ukugwantiya kwamanzi.



Ukuba umatshini wakho woku-vuna ugcinwe eshedini, beka izingxobo zeplastikhi okanye nokuba ungawugquma ngantoni ukuze uwukhusele kwilindle leentaka.



**PIETMAN BOTHA,
UMCEBISI OZIME-
LEYO KWEZOLIMO**

Izicwangcisocebo zokukhusela amaxabiso kwilahleko ngokusebenzisa okukhethwayo

SICWANGCISOCEBO SENTENGISO YINKQUBO ESOLOKO IPHUHLA. UNYAKA NGAMNYE UYA KUDINGA IZIXHOBO NEMIGAQO YOKUSEBENZA EYAHLUKILEYO YOKUKHUSELA NOKUXHAMLAKWIMEKO ENGENAZINZO YAMAXABISO. ELI NQAKU LINIKA IZISEKO ZENDLELA OKUSEBENZA NGAYO OKUKHETHWAYO UKUZE KUKHUSELWE IINKOZO NEMBEWU YEOYILE KWINTSILELO YOZINZO LWAMAXABISO.

Okunokukhethwa yikhontrakthi apho elinye iqela linelungelo khona, kodwa libe linganyanzelekanga, ukuba lithenge okanye lithengise imveliso ngexabiso eselibekwe kwangaphambili, kwithuba lokuphelelwa kwexesha kwekhontrakthi okanye phambi koko. Le khontrakthi okanye okunokukhethwa kunika umthengi ilungelo, kodwa lingabi linyanzelo lokuqhuba ngekhontrakthi, logama umthengisi wokunokukhethwa enesibophelelo sokuyithobela ikhontrakthi ukuba umninikhontrakthi ukufuna ukuqhuba ngayo. Izinto eku-nokukhethwa kuzo zinokuthengwa ngokusebenzisa umthengisi kwiSafex. Zimbini iintlobo zokunokukhethwa, kukubeka nokuxela okukhethwayo.

Xa ubani elindele ukuba inyuke ikhontrakthi yeengqikelelo zekamva, banakho ukuthenga okukhethwayo okuxelwayo okunika umnini ithuba lokuthenga ikhontrakthi yeengqikelelo zekamva ngexabiso elithile elisisigxina kwithuba lexesha elixeliweyo. Eli xabiso lisisigxina laziwa ngokuba 'lixabiso eliyinene'. Ukuba ixabiso lekhontrakthi leengqikelelo zekamva lingaphezu kwexabiso eliyinene, umnini uya kuyifumana inzuzo.

Okukhethwayo okubekiweyo kususichasiso. Ubani olindele ukuba inciphe ikhontrakthi yeengqikelelo zekamva ukusuka kwixabiso layo langoku kwithuba lexesha elixeliweyo unakho ukuthenga okukhethwayo okubekiweyo. Oku kukhethwayo okubekiweyo kwenza ukuba umnini abe nakho ukuthengisa ikhontrakthi yeengqikelelo zekamva 'ngexabiso eliyinene'. Ukuba liyehla ixabiso lekhontrakthi yeengqikelelo zekamva liyehla libe nganeno kwixabiso eliyinene, umnini uya kufumana inzuzo. Esi sicwangcisocebo singasetyenziswa phambi okanye emva kokuvuna ukuze kukhuseleke ixabiso leenozo ezikhula entsimini okanye ixabiso leenozo ezigcniweyo.

1 Ukushiywa lixesha lokukhetha.

| Ukubeka okukhethwayo | Ukuxela okukhethwayo |
|--|--|
| Emalini ukuba okuyinene kungaphezulu kwixabiso leengqikelelo zekamva. | Emalini ukuba okuyinene kungaphantsi kwixabiso leengqikelelo zekamva. |
| Emalini ukuba okuyinene kulingana nexabiso leengqikelelo zekamva. | Emalini ukuba okuyinene kulingana nexabiso leengqikelelo zekamva. |
| Ngaphandle kwemali ukuba ixabiso eliyinene lingaphantsi kwixabiso leengqikelelo zekamva. | Ngaphandle kwemali ukuba ixabiso eliyinene lingaphezulu kwixabiso leengqikelelo zekamva. |

2 Okuluncedo ngokukhethwayo.

| Ukubeka okukhethwayo | Ukuxela okukhethwayo |
|--|---|
| Kuthintela umngcipheko wamaxabiso. | Kuyaxhamla kumaxabiso anyukayo. |
| Kuvumela abalimi ukuba baxhamle kumaxabiso anyukayo. | Kuthintela iindleko zokugcinwa kwempahla nezenzala. |
| Kuzikhuphela ngaphandle iimfuneko zemida. | Kuzikhuphela ngaphandle iimfuneko zemida. |
| Kuyawolula unyaka wentengiso. | Kuyawolula unyaka wentengiso. |
| Ininzi imali yokuhlulwala amatyala. | Ininzi imali yokuhlulwala amatyala. |
| | Ukuthintela ilahleko eyiyona iphezulu. |

Kulula noko ukuthenga nokuthengisa okukhethwayo xa ephezulu noko amaqondo enzala evulelekileyo nezixa. Ixabiso lokukhethwayo lixhomekeke kwixabiso langaphakathi, nentsilelo yozinzo ekubhekiselelwe kuyo nakwithuba eliphambi kokuphelelwa lixesha kwekhontrakthi.

- **Intsilelo yozinzo ekubhekiselelwe kuyo** ilinganisela okunokwenzeka kokutshintsha kwexabiso lekhontrakthi.
- **Ixabiso langaphakathi** lingumahluko phakathi kweempahla yexabiso efihlakeleyo (WMZ Dec'21) kunye nexabiso eliyinene lekhontrakthi ekunokukhethwa kuyo.
- **Ixesha** lichaphazela ixabiso eliphantsi kakhulu xa okunokukhethwa 'ngaphandle kwemali' sekuphantse kwaphelwa lixesha ngenxa yokuba impahla yexabiso efihlakeleyo ingenakufane ifikelele kwixabiso eliyinene. Izicwangcisocebo zentengiso zixhomekeke kumdlu womntu malunga nomngcipheko. Ezinye izinto eziluncedo kukuba okunye okunokukhethwa kunokuqulatha imingcipheko esisiseko okanye kuquke iindleko eziphezulu ezinokubakho ngokunjalo kufuneka neenkukacha ezibanzi ngenxa yemiba eliqela ekunokukhethwa kuyo kwikhontrakthi nganye yeengqikelelo zekamva. Isicwangcisocebo ngasinye sentengiso sidinga ulwazi ngentengiso efihlakeleyo neekhontrakthi ekunokukhethwa kuzo ukuze iimeko ezingabonakaliyo zikhuseleke phucukileyo. ■

3 Umzekelo wokuxela okukhethwayo.

EMALINI EKUXELENI OKUKHETHWAYO MALUNGA NOKUVELISWA KWEMVELISO KUDISEMBA NGO-2021

| | WM | YM |
|--|-----------|-----------|
| Ixabiso leengqikelelo zekamva kuDisemba ngo-2021 | R3 171,00 | R3 302,00 |
| Ukuxela ixabiso eliyinene | R3 180,00 | R3 300,00 |
| *Ukuxela intlawulo yezavenga | R207,75 | R219,51 |
| Ixabiso leSafex eliphantsi | R3 387,75 | R3 519,51 |

linkukacha kuJuni ngo-2021.

*Intlawulo zezavenga ekukhethwa kuzo zinexabiso zixabiseke ukususela ngaphakathi nangokwexesha.

Umthombo weenkukacha: BVG, Grain SA

4 Umzekelo wokubeka okukhethwayo.

EMALINI EKUBEKENI OKUKHETHWAYO KUJULAYI NGO-2021

| | WM | YM |
|--|-----------|-----------|
| Ixabiso leengqikelelo zamaxabiso kuJulayi ngo-2021 | R3 271,00 | R3 410,00 |
| Ukubeka ixabiso eliyinene | R3 280,00 | R3 420,00 |
| Beka intlawulo yezavenga | R129,90 | R113,11 |
| Ixabiso leSafex eliphantsi | R3 150,10 | R3 306,89 |

linkukacha kuAprili ngo-2021.

Umthombo weenkukacha: BVG, Grain SA



IKAGENG MALULEKE, INGCALI YOQOQOSHO KWEZOLIMO EGRAIN SA

Ucwangcisele lohlahlomali LUBALULEKILE

ZIPHUMO ZESITYALO SOMBOMA SASEHLOTYENI ESILINYWE NGO-2020 SAZE SAVUNWA UKUSUSELA KUJUNI UKUYA KUJULAYI NGO-2021 ZINGAHLALUTYWA NGOKU. IZIVUNO ZENENE EZIFUNYENWEYO KUNYE NEENDLEKO ZALATHA UKUBA INGABA IKHONA NA IMPUMELELO OKANYE AYIKHO MALUNGA NOCWANGCISELO LOKUSEBENZA KUMAXESHA OKULIMA ADLULILEYO NGOKUNJALO NOKUSETYENZISWA KWEEMVELISO ZAMALUNGISELELO NGOKOCWANGCISELO.

Abalimi bathengise umbona wabo malunga ne-R3 200 ngetoni elixabiso lepokothe yabo qwaba futhi abaninzi bafumene isivuno esingaphezulu kunesesiqhelo. Eli lixesha lokulima elingaqhelekanga kuba isivuno sesizwe esiphazulu besikhatshwa lixabiso ebelithande ukuba phezulu.

Izifundo ngokuphuculwa kwesakhono sokulungisa amasimi, ukutyala, ukukhulisa nokuvunwa kwesityalo ziya kukhokelela ekuphucukeni kwezimvo malunga nohlahlomali ngesityalo sangoku. Ezi zibalo maziqoshelise, ekupheleni kukaSeptemba okona kushiywa lixesha kakhulu, ukuze iimveliso zamalungiselelo ezifunekayo zombona nezezinye izityalo zokutshintsha eziza kulinywa ziodolwe kuze kumiselwe uncedo lwemali yazo zonke izityalo.

IINDLEKO EZINGQALILEYO – IINKALO EZIBALULEKILEYO EZIGQALWAYO

Ngokokuxhomekeka kwimigaqo esetyenziswayo yokunikwa kweengxelo, iindleko eziphambili ezibandakanywayo zifanele ukuba zezembewu, izichumiso, oko kuquka ezo zifakwa xa kutyalwa kunye neekhemikhali ezibulala izinambuzane ezifakwa emacaleni kunye neekhemikhali zokutshabalalisa ukhula, idizili, i-inshorensi yesityalo, abasebenzi bamaxesha athile okulima, ukuvuna, ukuthengisa nothutho.

Okukhutshelwe ngaphandle ziintlawulo zabacebisi, imivuzo yabasebenzi abasisigxina, ukukhanda izixhobo nolondolozo nenzala kwiindleko ezingqalileyo zeemveliso zamalungiselelo ziphelele. Zona zinokubhalwa phantsi kweendleko ezisisigxina okanye ezenkcitho yokuqhuba imisebenzi.

Ingeniso iphelele kodwa engaquki zindleko zingqalileyo ikunika isixa senzuzo okanye 'umda ohlanganiselweyo' ofumaneka ngokulima nokuba sesiphi isityalo. Inzuzo efumanekayo iya kuhlawulela iindleko ezisisigxina kuquka abasebenzi abasisigxina, ukukhanda izixhobo nolondolozo, inzala imali yeshishini yeemali-mboleko zamathuba amade, naziphi ezinye iindleko zokuqhuba imisebenzi kodwa okubaluleke kakhulu ziindleko zabase-

benzi nemali esetyenziswa ngumlimi. Nayiphi imali eyintshiyekela emva kokukhupha eyeendleko ezingqalileyo nezisisigxina, oko kuquka iimali ezitsalwa ngumlimi nosapho, ukuze kubonakale inzuzo eyinene okanye imali yeshishini esala emva kokutsalwa kwenkcitho.

Injongo kukuyila inzuzo eyintshiyekela okanye yenene kodwa nesuka iphume ezandleni ngamanye amaxesha ifanele ibalwe futhi ibek' esweni ngokusebenzisa inkqubo efanelekileyo yokubalwa kwemali. Iintlobo zohlahlomali zayo yonke imisebenzi eyenziwa kumashishini zifanele ukwandlalwa kwinkqubo yekhompyutha yokwenza oko ukuze kuboniswane ukwenzela ucwangciselelo futhi kubhalwe nazo zonke iinkcitho zenene. Oku kuyadingeka konke kumabango eVAT okanye kwiintlawulo, ngokunjalo nakwiingxelo ezithile ezifunekayo zerhafu. Kucetyiswa ukuba uqeshe umntu ingcaphephe kubalomali nokuba liqumrhu leengcaphephe ezilolo hlobo eziza kugcina ezi nkcukacha zihlaziyekile xa wena ungakwazi ukuzenzela.

IZINTLU ZEENDLEKO EZIQIKELELWAYO

Kucetyiswa ukuba makufunyanwe iingqikelelo ezifanelekileyo kubathengisi abathembekileyo nabanozinzol malunga neendleko zeemveliso zamalungiselelo kwixesha ngalinye. Ukuba kubandakanywe abathengisi abaliqela kwixesha ngalinye, iincoko ezibanjwayo malunga neengcebiso eziphathekayo ezahluka-hlukileyo oko kuya kwalatha imvisiswano ngokubanzi ngeemveliso zamalungiselelo ezifunekayo ngokwesakhono somhlaba wakho nezivuno ekujoliswe kuzo. Uhlahlomali lwesityalo esisemhlabeni owomileyo weetoni ezi-4,5 ngeehektare luya kuba nganeno kakhulu kunolo lweetoni ezisi-8 ngehektare. Sebenza ngokuchanekileyo kangangoko unakho ukuze ubale iindleko ngehektare nganye neendleko ngetoni yesivuno esiqikelelwayo.

ISIPHETHO

Sebenza ngononophelo kakhulu, ukhumbule uhlahlomali lweendleko zakho zeemveliso zamalungiselelo ngokusebenzisa imbali yakho yenene yomsebenzi wokulima ngokunjalo nesakhono somhlaba uze ukhumbule nesakhono esinozinzol sesivuno kwithuba elide. ■



RICHARD MCPHERSON,
UMCEBISI NGOLAWULO LOSHISHINO
LOLIMO NEEPROJEKTHI



Let's Talk ...



@Bayer4Crops
@DEKALBSA

Bayer (Pty) Ltd. Reg. No. 1968/011192/07

27 Wrench Road, Isando, 1601.

PO Box 143, Isando, 1600. Tel: +27 11 921 5002

The registration owner of DEKALB® is Bayer AG, Germany.

www.cropsience.bayer.co.za // www.bayer.co.za

A28967

Every kernel counts!



One seed ... One hole ...

Each one of our DEKALB® maize seeds is backed by cutting-edge technology and years of research and development to ensure that you get the most out of every kernel.



Inkqubo eguqula ubomi babantu



Farmer
Development
Programme

Ingxelo

Ukunikwa kweengcebiso xa kutyelelwa iifama

UTYELELO lweefama kuJuni ngo-2021 belugqibelele futhi belwahluka-hlukanisiwe. Kwe-
linye icala abalimi bebesaxakeke ngokuzisa izityalo zabo kanti ngaxeshanye besenza ucwa-
ngcisele lwexesha elitsha lokulima. Abacebisi bebeneendibano ezingama-58 nabalimi babo
asebekwibanga eliphambili kuJuni ukuze babacebise ngeendlela ezahluka-hlukileyo kuhambo
lwabo olukhokelela kuzinzo lokufamela ukurhweba.

- **Ukuvuna:** Eli qela lizenzile iingqikelelo zezivuno, liwaqwalasele amaqondo okufuma
kweenkoko kwaye likulandele ngeliso ukuphathwa kwezixa ezikhulu zesityalo.
- **Ukugcinwa kwempahla:** Kubanjwe iingxoxo ngokugcinwa nangokhuselo lweenkoko ezivuniweyo.
- **Ucwangcisele:** Kuxoxiwe ngolondolozo lwesiqhelo lweefama olufana nokubiyela,
ubonelelo lwamanzi kunye nokugcinwa kwempahla.
- **Impilo yemihlaba:** Kunikwe ingqalelo kwimeko yemihlaba, ukuthathwa kweesampulu
zemihlaba nokufakwa kwekalika emasimini.
- **Ucwangcisele lwamashishini:** Abacebisi baxoxe ngezidingo zoncendo lwemali, uhlahlo-
mali nangeinshorensi ngokunjalo nangeenkqubo zolawulo lweeofisi kuquka ukutyalwa
kwengqiqo ngendima yeSARS neVAT ngokunjalo nangembuyiselo yerhafu nedizili.
- **Ukusetyenziswa koomatshini:** Eli qela linike ingqalelo kwimeko yezixhobo zokusebenza efama
nokusetyenziswa koomatshini. Baxoxe ngokukhanda okufanele ukwenziwa baphinde bacebisa
abalimi ngokucinga ngokusebenzisa izi-
xhobo ezitsha endaweni yezindala ukuba
ziyafumaneka iinkxasomali.



*Kwifama kaMahlaba Abel, umlimi
ongaseReitz, kuqokelelwe izikhwebu
ukuze kuvavanywe isiqulatho sokufuma
kwisisele esikufutshane.*



*Ngethuba lotyelelo kwiiProjekthi zokuFama
zeNzimande kwiNgingqi yaseAmsterdam
kuhlalutywe inkqubo yezityalo.*



*Umcebisi uJacques Roux uqhuba uhlobo lwezityalo phambi kokuzivuna.
Ojongilanga nombona bahlolwe kwifama kaHlalele Joseph Khahleli.*

Ukwabelana KUMAQELA OFUNDONZULU

IOELA laseGrain SA lophuhliso lwaba-
limi lizonwabela ngenene iindibano zethu
zamaqela ofundonzulu njengoko le iyindlela
esinceda ngokuba sibazi abalimi ngokunjalo
sichonge nezidingo zabo kwiingcingqi ezahlu-
ka-hlukileyo. Sixhomekeke kakhulu koosihlalo
beqela lofundonzulu ngalinye kwaye sinqwe-
nela ukubabalula nokubabulela ngokuzinikela
kwabo kunye noncedo lwabo kweli qonga.
Koosihlalo bethu sithi: 'Ingulowo kuni ube ne-
galelo elibalulekileyo kubalimi boluntu lwenu
kwaye siyanibulela!'

Nangu omnye umsebenzi owenziwe liqela
lofundonzulu kwinyanga kaJuni.



*Umcebisi uElias Dladla utyelele abalimi be-
qela lofundonzulu leSchuelzental kwiingcingqi
yaseNelspruit ukuze abone isivuno sabo.*



*Bekukho umboniso malunga nokuphathwa,
ukulondolozwa nemilinganiselo yezitshizi
zehapulasaka owenzelwa iqela lofundonzulu
leZaaiplaas endlwini kaDora Phoku.*



*Abalimi beqela lofundonzulu leArthurstone
kwiingcingqi yaseBushbuckridge baxoxa
ngemisebenzi yokutshabalalisa ukhula
ngeekhemikhali nangaphandle kwazo.*

Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040

■ 08600 47246
■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Sandile Ngcamphalala

■ 082 862 1991 ■ Iofisi: 012 943 8296
■ sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel

■ 084 264 1422 ■ Iofisi: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHLELELANE KUPAPASHO INFOWORKS MEDIA PUBLISHING

Umhleli ongumncedisi – Louise Kunz

■ louise@infoworks.biz

Inkokeli yeqela lomsebenzi – Johan Smit

■ 082 553 7806 ■ Iofisi: 018 468 2716
■ johan@infoworks.biz

Abapapashi – Elizma Myburgh, Joritha Hechter



Inkqubo yeGrain SA yoPhuhliso lwabaLimi

ABAQUZELELI BOPHULISO

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombathi

Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlangane

Cwayita Mpotyi

Mthatha
■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

Lawula imingcipheko YESHISHINI LAKHO

NALIPHI ISHISHINI LIBA NAYO IMINGCIPHEKO. UMNGCIPHEKO KUKUBA ISEHLO EBESINGABONAKALANGA KWANGAPHAMBILI, ESINGACWANGCISELWANGA, ESINGEYOMVELO, ESINGAQHELEKANGA, NESINGALINDELEKANGA SINGENZEKA KWAYE SINOKUBANGELA ILAHLKO ETHILE. NANGONA INGATHINTELEKI IMINGCIPHEKO, KUFUNEKA KUGOALWE AMANYATHELO OKUNCIPHISA IZIPHUMO ZAYO EZINGAFUNEKIYO.

Ukufama lishishini elinemingcipheko ephezulu. Ngethuba lenkqubo yokulima zininzi izinto ezinokwenzeka ezifana neemeko zezozulu embi (iimbalela, izikhukula, izichotho, neqabaka exhalabisayo) neentlekele ezinokwenzeka ezifana nemililo yasendle kunye nogqabhuko lwezifo zezityalo nezemfuyo. Nangethuba lenkqubo yentengiso kunokubakho iziganeko eziphazamisa inkqubo yentengiso kunye/okanye ziwachaphazele kakubi amaxabiso.

Kwakhona kungenzeka ukuba uqubisane nokuziphatha kwabasebenzi bakho okungafanelekanga nobungakulindelanga. Ukuziphatha okungenangqiqo komlimi okanye kwabasebenzi kungakhokelela kwisesho esingeyomfuneko nesibhoxa ucwangco, isiphumo sibe kukuphazamiseka komsebenzi wokulima kunye/okanye ukuthengiswa kweemveliso. Imingcipheko emalunga nemali ingaba yingeniso eyehlileyo kunye/okanye iingxaki ngolondolozo lwemeko efanelekileyo yomqakuqelo wemali, ngako oko, kuchaphazeleke impumelelo yemali yeshishini. Imingcipheko yokulima, eyokuthengisa neyemali inonxulumano olusondeleleneyo.

IMINGCIPHEKO MALUNGA NOLIMO IYAKHULA

limeko ezingafunekiyo zezozulu sizazi kakhulu eMzantsi Afrika, kanti kwiminyaka edlulileyo sithwaxwe ziimeko ezimbi ngakumbi ezifana namaqondo obushushu aphezulu ngokugqithisileyo, izikhukula ezigqithisileyo, ngokunjalo neembalela ezixhalabisa ngokuthe kratya. Nkqu nomhlaba esiwusebenziselwa ukulima eMzantsi Afrika ukwangumngcipheko. Uphando lwalatha ukuba ama 60% emihlaba yaseMzantsi Afrika uyehla umgangatho wayo, ubukhulu becala ngenxa yemigaqo yokufama esilayolo, emasimini nasemadloleni.

Kwandile ukubiwa kweemveliso zamalungiselelo, iimveliso ngokubanzi, oomatshini nezixhobo zokusebenza kwaye ubusela sebungumngcipheko oxhalabisayo. Ungakulibali ukunkinkishwa kombane nesiza kuphila nako kwithuba elithile elizayo.

Imingcipheko emalunga neentengiso nayo iqatsela. Uhlile umgangatho weziseko zezi-bonelelo ezifana neendlela, uthutho ngoololiwe nkqu namazibuko. Uthutho olwenziwa ngezigadla alukhuselekanga ngenxa yokuphangwa kwazo kubaqhubi. Kanti wandile nomngcipheko woqhankqalazo lwabasebenzi. Imithetho engqongqo yabasebenzi yandisa ubukho bezidubedube ezibangelwa bubunzima boku-

yigcina yonke loo mithetho. Iingxabano ezimalunga nemivuzo zithe kratya.

Urhulumente wethu akanamfesane ngokugqithisileyo kwicandelo lolimo iba ncinane kakhulu inkxaso yakhe ngamaxesho eentlekele. Imigaqonkqubo esoloko itshintshwa nokuse-tyenziswa kwemigaqonkqubo nanjani kudala amathandabuzo kongeze nemingcipheko.

INDLELA YOKUNCIPHISA IZIPHUMO EZINGAFUNEKIYO

- 1 Ilinge lokuvula ingxowamali yonxunguphalo ukulungiselela iindleko ezongezeke ngesiqophe ngenxa yomngcipheko. Okanye uvule uncedo lwetyala ebhankini yakho ukuze ikubonelele ngeendleko ezongezeleleka ngesiqophe.
- 2 Abalimi bemfuyo mababonelele ngezondlo ebezigciniwe, ifula yesisele kunye /okanye isitha sefula.
- 3 Kulungile ukutyala imali kwishishini lesibini elifanele ukungabi yinxalenye yolimo.
- 4 Ukuthintela ubusela njengomngcipheko, dwelisa yonke impahla yakho yexabiso – nkqu nesipaneri senombolo ye-13. Kubhetelele ukuthatha ifoto yempahla ngenye yexabiso uze uyiphawule kunye/okanye ufake iinombolo kuyo yonke impahla yexabiso. Khumbula ukuba unyanzeleke ngokomthetho ukuyiphawula ngohlobo oluthile kunye/okanye nangomvambo imfuyo. Impahla yakho yonke yibale uyiqwalasele rhoqo. Kucetyiswa ukuba imfuyo yakho uyibale yonke imihla.
- 5 Sebenzisa imigaqo echanekileyo yokulima futhi usebenzise imihlanganisela ekwaziyo ukumelana nobushushu, izinambuzane ezonakalisa izityalo okanye izifo ngokokufumaneka kwazo. Sebenzisa imigaqo yolimo ehlahizayo ukuphucula impilo yomhlaba wakho.
- 6 Misela imijelo yamanzi efanelekileyo neekhonto ukuze kuthinteleke umonakalo onokwenziwa zizikhukula ngokunjalo ugqale neendonga.
- 7 Konke kwenze ixesha lisavuma futhi ukwenze ngokuchaneke kangangoko kunokwenzeka. Sebenzisa ukufama ngokuchanekele okuthetha ukuba konke kwenze ngokuchaneke kangangoko kunokwenzeka ngemithombo yoncedo efumanekayo.
- 8 Yahluka-hlukanise imisebenzi yakho yokufama ukuba kuyenzeka oko.
- 9 Qwalasela intengiso yakho uze usebenzise ngaphezu komjelo omnye ukuba kuyenzeka oko.
- 10 Yilawule ngqongqo imibandela yakho yengqesho ngokwemithetho yolawulo lwabasebenzi ngokunjalo ungalutyeshele ululeko.
- 11 Cinga ngokukhusela isityalo(izityalo) nempahla yakho yexabiso ngeinshorensi nangona mhlawumbi iindleko zokwenza oko ziphezulu. ■



**MARIUS GREYLING,
UMCEBISI OZIMELEYO
NGOLAWULO KWEZOLIMO**